*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Ilifu loMnyama: Ibali likaMkabayi noMmama*
*(The Rainbow Cloud)*
Illustrated by Selina Morulane
Written by Zanele Dlamini
Designed by Sibusiso Mkhwanazi
Edited by Glynis Lloyd
Translated by Sihle Siko
with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 19 November 2016.

ISBN: 978-1-77623-085-3

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

Kudala-dala kumhlaba wamaZulu, ukumkani uJama kaNdaba wayenamandla kakhulu, enobulumko, elungile yaye enobubele.

the-rainbow-cloud_interior.indd 7 2020/09/04 16:44

Kodwa wayengenabantwana yaye waye ekhathazekile ukuba wayengazi kuba nandlalifa.

Wathandaza wenza iminikelo kwizithixo kodwa zange kwenzeke nto.

the-rainbow-cloud_interior.indd 8 2020/09/04 16:44



Ngobunye ubusuku, xa yayisalele ikumkani, kwafika igqirha ephupheni.

“Izithixo zisivile isicelo sakho yaye ikumkanikazi iza kufumana amawele. Elinye liya kuphatha isizwe samaZulu yaye elinye liya kuba nemilingo,” latsho igqirha.



the-rainbow-cloud_interior.indd 11 2020/09/04 16:44

Azalwa amawele uMkabayi noMmama kodwa ikumkanikazi yakhalela uMkabayi kuba umthetho wawusithi iwele elizelwe kuqala kufanele linikelwe kwizithixo.

Inkosi ngokubona usizi lwekumkanikazi, yathi, “Ukususela namhlanje, xa amawele ezelwe, bobabini abantwana baya kuphila.”

Abantu babhiyoza kodwa asingabo bonke ababonwabele umthetho omtsha wekumkani.

the-rainbow-cloud_interior.indd 12 2020/09/04 16:44

Amantombazana amancinci akhula kakuhle. Ngenye imini uMkabayi walwa ngeentonga wayoyisa inkwenkwe eyayixhaphaza abanye abantwana.

“Hamba umke, ntombazanandini eqalekisiweyo!” yatsho inkwenkwe.

the-rainbow-cloud_interior.indd 15 2020/09/04 16:44

“Buya, Mkabayi!”

UMkabayi wakhala waza wabaleka wayokungena ehlathini apho kwakuhlala iziporho ezoyikekayo uHornhead noLongtom.

the-rainbow-cloud_interior.indd 16 2020/09/04 16:44

UMmama wema ethe cwaka waza wawavala amehlo akhe.

Umanyano lomlingo oluphakathi kwamawele lwakhokelela uMmama kudadewabo.

the-rainbow-cloud_interior.indd 19 2020/09/04 16:44

"Akukho mntu ufuna ukudlala nam, ndiqalekisiwe!" wakhala uMkabayi.

"Ndifuna ukudlala nawe," watsho uMmama.

the-rainbow-cloud_interior.indd 20 2020/09/04 16:44

"Siza kuba nesidlo esimnandi sangokuhlwa namhlanje Longtom," watsho uHornhead.

UMkabayi wachola intonga.

"Awuna kukwazi ukubulala iziporho ngentonga!" Wahleka uLongtom.





“Kunjani ngesi?” watsho uMmama, ephakamisa isandla sakhe.

Iindudumo zagqekreza waza umbane wabetha iziporho, ngexesha ilifu lomnyama likhusela amantombazana.

the-rainbow-cloud_interior.indd 25 2020/09/04 16:44



"Ukwenze kanjani oko?" wabuza uMkabayi.

"Ngolwaa hlobo ububethe ngalo laa nkwenkwe!" watsho uMmama.

Amantombazana agoduka onwabile, esazi ukuba nantoni na eyayinokwenzeka ayenokukhuselana.

